# Ukumkani, oonyana bakhe nentaka enonyawo oluzuba

Libali likaPhumlani Mavimbela
Imifanekiso izotywe nguMagriet Brink noLeo Daly
Liguqulelwe esiXhoseni nguSindiswa Mbokodi



Kudala uKhahlamba lwalusaziwa ngokuba yiNtaba eNkulu waye uKumkani wayedla ngokuyiqabela aye encotsheni noonyana bakhe abangamawele, uKhahlamba noThukela, ukubabonisa uMlambo omKhulu namasimi ngasezantsi.

"Ngenye imini lo mhlaba uya kuba ngowenu ukuba niwulawule yaye abantu bethu bawukhangela kuni ukuba nibakhokele," wayesakutsho ukumkani.

Oonyana bakhe babenqwala akuthetha oku, kodwa ngokuya bekhula, zatshintsha izinto. Ngenye injikalanga amakhwenkwe alandela uyise ukunyuka intaba njengesiqhelo, waza encotsheni wabaxelela kwakhona ukuba ngenye imini bakuze baphathe. Kweli tyeli, endaweni yokunqwala nje, bambuza uyise.

"Kodwa, bawo," waqalisa uKhahlamba, "ngowuphi apha kuthi oya kumnyula ukuba aphathe?"

"Ewe, bawo," wongeza uThukela, "ngowuphi apha kuthi omthandayo?"

Wamangala ukumkani. Zange abe nakubaphendula oonyana bakhe. Endaweni yoko wasuka wathi, "Ilanga liyatshona, masihambeni ngoku."

Kwaba lixesha elide, imibuzo yoonyana bakakumkani imkhathaza. Ebusuku, wayeguquguquka aze emini ahlale yedwa ecinga ngale mibuzo eyiphethuphethula engqondweni. Wayengakwazi ukuthatha isigqibo sokuba ngowuphi koonyana bakhe oya kuphatha kuba wayebathanda bobabini. Wayengazange acinge ukuba ngenye imini kwakuya kufuneka ekhethile phakathi kwabo.



Beka amabali phambili esikolweni sakho
Story powered schools

Ngantsasa ithile ukumkani wabiza abacebisi bakhe.

“Kumkani, usibizile,” batsho ngelixa bengena endlwini benqwala.

“Ndifuna ukwazi ukuba ngowuphi koonyana bam enicinga ukuba kumelwe ukuba aphathe emva kwam,” watsho ukumkani.

Ababini kubacebisi abane bathi, “Kumelwe ukuba ukhethe uKhahlamba, Kumkani. Ukhaliphile kwaye womelele, njengawe.”

Abanye abacebisi ababini baphendula, “Kumkani, kumelwe ukuba ukhethe uThukela. Unobulumko, njengawe.”

Bathetha apha bathetha phaya, into leyo eyashiya ukumkani edideke nangaphezu kwakuqala.

Ngobo busuku ezinzulwini zobusuku, xa wayelele ukumkani, intaka enonyawo oluzuba yaphaphazela yangena endlwini yakhe yaza yahlala phantsi ecaleni kwakhe.



“Kumkani,” yatshiyoza.

Watsiba ukumkani wathi hlasi umkhonto wakhe. “Ngubani ofika ebusuku kangaka?” wabuza.

“Kumkani,” yatshiyoza intaka, “unengxaki ndaye ndilapha ukuza kukunceda.”

“Kodwa uziintsiba nomlomo kuphela, ungandinceda njani?” wabuza ukumkani.

“Ndingazitshintsha ndibe siso nasiphi na isilwanyana, esikhulu okanye esincinci. Ndingakunceda,” yatshiyoza intaka.


Ukumkani wayesisilumko waye esazi ngcono kunokuthemba intaka eyayinokuzitshintsha ibe zezinye izilwanyana. Kodwa wayefuna ukwazi ukuba intaka yayiceba ukumnceda njani ngoko ke wathi, “Thetha, ndiphulaphule.”

“Ngobusuku besivuno uya kuthumela oonyana bakho kum. Lowo ubuyileyo, uya kuba ngukumkani,” yatsho intaka.

“Kuya kwenzeka ntoni kulo ungabuyanga?” wabuza ukumkani.

Intaka ayizange iwuphendule lo mbuzo yaza endaweni yoko yathi, “Ndithembe, kumkani omkhulu, ndazi lukhulu.” Yaza intaka yaqhwaba amaphiko ayo yabhabha yemka ishiya ukumkani edideke nangakumbi.

Wathi ukumkani akuvuka ngentsasa elandelayo, wathumela ukuba kubizwe oonyana bakhe. “Ndiphulaphuleni kakuhle kuba oku ndiza kukuthetha kube kanye,” watsho ukumkani. “Ngentsasa yesivuno ndifuna nithathe umkhonto wam niyokuzingela iqhude. Ningaphumeli ngaphaya kwemihlaba yethu nize niqiniseke ukuba iqhude elo nilizisa kum ezinzulwini zobusuku.”



“Ewe, bawo,” batsho oonyana bakakumkani ngokuzithoba.

Ngentsasa yesivuno, oonyana bavuka ngaphambi kokuphuma kwelanga baya ehlathini nomkhonto kayise njengoko babeyalelwe. Ngaphandle koyise akukho mntu wumbi wayesazi ukuba babesiya phi nokuba babesiya kwenza ntoni na.

Ezinzulwini zobusuku, intaka enonyawo oluzuba yaphaphazela yangena endlwini kakumkani. Yamfumana ukumkani engalalanga, elinde ukuba oonyana bakhe babuye.

"Kumkani," yatshiyoza intaka, "ndibakhangele oonyana bakho, kodwa andabafumana. Ubafihlile kusini na, owu kumkani omkhulu?"

"Ndazi bhetele kunokukuthemba, Mamlambo," watsho ukumkani.

"Njani? Waze njani ukuba ndim?" yabuza intaka, kweli tyeli isitsho ngomfutho ongenamdla endaweni yokutshiyoza.

"UMamlambo kuphela kwesidalwa esikwaziyo ukuzitshintsha sizenze ezinye izilwanyana," waphendula ukumkani.

"Eneneni, ungukumkani onobulumko ngokwenene! Kubi kakhulu ke kuba kuza kufuneka uve ubuhlungu ngoku!" yatsho intaka iwangawangisa iphiko layo lasekhohlo itshintsha iba yinyoka enkulu ezisongileyo eyazalisa indlu.



"*F-f-f-f*! Ubumelwe ukuba un-nc-ncame omnye woonyana ba-a-a-kho," satsho isilwane sibhula ngomsila sizibhijela kukumkani.

"Andikoyiki!" wakhwaza ukumkani.

"S-s-s-sawubona ke ngaleyo," watsho uMamlambo emminxa ngokuthe nkqi ukumkani.

Ekugqibeleni ukumkani zange abe sakwazi ukunyamezela ngakumbi. "Ndi … yanikezela … Ndizakuxelela …," wakrwitsheka.


"Kulungile, kumkani omncinci," wasineka uMamlambo. "Baphi oonyana bakho?"

"Ndibathume ukuba bayozingela. Bakhangela iqhude. Ukuba uyazitshintsha ube liqhude uzawubona baza kuza kuwe," watsho ukumkani.

Isilwane sabhula ngomsila waso phantsi sajika saba liqhude!

"Baphi?" wanyanzelisa uMamlambo.

Ngesaquphe uKhahlamba wagibiseleka endlwini waphosa umkhonto kayise. UMamlambo wazama ukuphepha, kodwa watyibilika waza umkhonto wabinza ecaleni lesilo. UMamlambo wakhwaza kakhulu kangangokuba indlu yashukuma, "Undiqhathile! Ngoku ndiza kutshintsha ndibe yinyoka enkulu nangaphezulu!"



UMamlambo wangqisha phantsi watshintsha. Kodwa endaweni yokutshintsha abe yinyoka enkulu nangakumbi, wajika wayimbovane encinci! Imbovane yazama ukubaleka, kodwa uThukela wayityumza ngonyawo yasisiphelo sikaMamlambo eso! Iinkosana ezimbini zazimsindisile uyise.

"Naze njani nina nobabini ukuba ikhona into engahambi kakuhle?" ukumkani wababuza oonyana bakhe.

"UThukela ube nobulumko bokwazi ukuba amaqhude akanakufumaneka kulo wethu umhlaba, ngoko ke sazi ukuba ufuna singabikho kude kube sezinzulwini zobusuku kwaye oko khange kubonakale kulungile," waphendula uKhahlamba.

Ukumkani waba nebhongo ngoonyana bakhe. Ngosuku olulandelayo wathiya iNtaba eNkulu igama lokuba ngu*Khahlamba* waza uMlambo omKhulu wawuthiya ukuba ngu*Thukela*. Yaye ngexesha elifanelekileyo, waqinisekisa ukuba oonyana bobabini bayabelana ngobukumkani.

Kude kube namhlanje, intaba enkulu nomlambo zisaziwa ngokuba *ziintaba zoKhahlamba noThukela*.

Qhubeka ufunde! Ukuba ulonwabele eli bali, ungalibali ukuya kwiwebhusayithi yethu (www.nalibali.org) ukuze ufumane ingqokelela yamabali ASIMAHLA abantwana.

# Yenza ibali linike umdla!

Nazi iingcebiso onokuzisebenzisa kwibali elikwiphepha loku-1 kuye kwele-3 nabantwana eklasini yakho na-/okanye kwiklabhu yokufunda. Khetha iingcebiso ezilungelana neminyaka nemidla yabantwana.

- Kuxwebhu lwephepha, zoba umfanekiso wekumkani uze ubhale, "KUFUNWA UKUMKANI OMTSHA." Njengendlela yokutshayelela ibali, bonisa abantwana iphepha uze uthi, "Ukuba ubunokukhetha ukumkani omtsha, ubungafuna ukuba abe njani?" Bakhuthaze abantwana babelane nabanye ngezimvo ngokuba zeziphi iimpawu abacinga ukuba ukumkani umelwe ukuba abe nazo, banike nezizathu.
- Emva kokuba ulifundile ibali, xoxani ngesizathu sokuba ukumkani akhethe ukuba kuphathe oonyana bakhe bobabini. Cela abantwana babelane nabanye ngezimvo zabo kule nto baze bacebise ukuba ngebabetheni bona ukuba babengukumkani.
- Cebisa abantwana ukuba bazobe indawo ebalini apho uMamlambo etshintshe waba yimbovane okanye nayiphi na indawo abayithandileyo ebalini.
- Nika abantwana udongwe okanye intlama yokudlala bayisebenzise ukubumba esinye sezilwanyana uMamlambo awayetshintsha abe zizo ebalini.
- Nikunye nabo linganisani ibali. Bavumele abanye abantwana bakhethe ukuba ngumlinganiswa osebalini – ukumkani, uKhahlamba, uThukela, abacebisi bakakumkani abane noMamlambo eyintaka, inyoka, iqhude nembovane. Abanye abantwana mababe ngoonobalisa abafunda ibali logama abanye abalinganiswa belilinganisa.

# Malunga neprojekthi yeStory Powered Schools

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda.

IStory Powered Schools liphulo eliyimvelatanci lenkqubo ezisa indlela yokuphuhlisa ilitheresi yephulo likaNal'ibali lokufundela ukuzonwabisa kwizikolo zasemaphandleni ezikwiphondo laseMpuma Koloni nelaKwaZulu-Natala. Eli phulo liqinisekiswe liSebe lezeMfundo, yaze inkxaso-mali yokulixuma yanikezelwa yiUnited States Agency for International Development (iUSAID).

Izikolo ezithatha inxaxhela kwiprojekthi yeStory Powered Schools zizimisele ukuvuselela oko abafundi banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Zisebenzisa amandla amabali ukukhuthaza abafundi ukuba bafune ukufunda nokubhala.



basic education
Department: Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA
Read to Lead
A Reading Nation is a Leading Nation
USAID
LUPHUMA KULUNTU LWAMAMELIKA
Nal'ibali
Konke kuqala ngebali...